



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

GRADE 11

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA LESITHATHU MEMORANDAM NOVEMBA 2009

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Le memorandam inamaphepha ali - 19.

ICANDELO A

IZINCOKO ZONKE MAZIBONAKALISE

Ubuchule bokucwangcisa

- Iinjongo zabaphulaphuli zingqamene neenjongo zesincoko
- Ulwazi lwaneli
- Ulwazi lusemxholweni
- Amagama amatsha omxholo acacile
- Intshayevelo, umzimba, isiquukumbelo
- Uhlolo lвесicwangciso olusetyenzisiweyo (imephu yengqondo...)

ISIGAMA

- Isigama sisemxholweni.
- Ulwimi lucacile alujikelezi.
- Isigama esikhethiweyo asiphindwa ngendlela ekruqulayo.
- Upelo alulahli ntsingiselo.
- Izaci namaqhalo, izafobe, izifanokuthi, izichasi ezisetyenziswayo zenza unandipheko kwaye zisetyenziswe ngokusemxholweni.

Ubuchule bokuhlela

- Iiyilo ngeeyilo zibonakalisa nangoyilo lokugqibela ukuba;
- Imihlathi iyalandelelana.
- Izivakalisi ziziindidi ngeendidi (ezide, ezixandileyo).
- Iinjongo zikumgangatho ophezulu.
- Iinjongo nabaphulaphuli zingqamana neenjongo zesincoko.
- Akubonakali zikroba kulwazi olunikiweyo.
- Upelo luchubekile.

Isimbo

Ucapphulo Iwenziwe lunggalile kwaye luboniswe ngeempawu zalo.

Imizekelo esetyenzisiweyo ibonakalisa ulwazi.

Ubonakalisa isimbo esisesakhe sokubhala.

Isimbo singqamene neenjongo zokubhala.

Iindidi ngeendidi zabaphulaphuli zithathelwa ingqalelo.

Imihlathi (iyafundiswa)

- Umhlathi ngamnye unesicingo esinye.
- Izivakalisi ziyalandelelana ngendlela ebonakalisa ukunamathelela kwaye ziayazalana nomxholo womhlathi.
- Izihlanganisi zenza olu nxulumano nonamathelwano.
- Umhlathi unalo lonke ulwazi obelufuneka ukuxhasa umxholo wesincoko.
- Imihlathi mayilandelelane ngendlela eyenza ukwakhelana.
- Umbono/ulovo luxhaswa ngemizekelo.

Izivakalisi

- Mazisetyenziswe zibe ziindidi ngeendidi ngenjongo yokwenza isimbo (ezide, futshane, magatya, xandileyo).
- Mazicace, zivakale ziphelele.
- Mazisetyenziselwe ukwakha intsingiselo yesincoko.
- Masiqulathe umxholo omnye okanye umba omnye.
- Amagatya asetyenzisiweyo alingane.
- Isithethi okanye ijelo linye nenani labantu ekuthethwa nabo/ngabo.
- Ugxininiso lubonakaliswa ngeendlela ngeendlela ukuquka ukusetyenziswa kwemizekelo.

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

1.1 “Sabaleka kwaphantsa kwasiphuka imicondo loo mini!”

- Isincoko **esibalisayo sinokuchaza** okanye umlingwa abe neendawo acamngcayo kuzo.
- Sibhalwa kwixesha eladlulayo.
- Ezi ngongoma zilandelayo yimizekelo abanokunyathela kuyo:
 - (i) Amanqaku entshayelelo anika imbalana emfutshane ngesiganeko, ixesha esenzeka ngalo nendawo.
 - (ii) Kumanqaku esiqu umlingwa uthila indlela esehle ngayo esi siganeko, ebonakalisa ukulandelana kwezehlo kanye neziphumo.
 - (iii) Makanyathele umlingwa kwindela esimchaphazele ngayo esi siganeko.
 - (iv) Amazwi esihloko makawangenise ngendalela eyiyo, asithele thsuphe ngezi zicwangciso athi unazo ngobomi bakhe. Eli nqaku liya kukhokelela kwisiphelo sesincoko.

[50]

OKANYE

1.2 “Sokuze ndiye ndawo, ndiza kuhlala kweli lam lokuzalwa!”

- Umlingwa **uyachaza** ubukhulu becalo kwesi sincoko.
- **Unokubalisa** iziganeko ngeenjongo zokupuhlis iinkcaza azinikileyo.
 - (i) Umlingwa unokuqala **ngokuchaza** imeko yakhe yobomi ngendalela eya kwenza ukuba izinto azibona zilulutho kuye njengomntwana waseMzantsi Afrika zilomeleza uluvo nesigqibo asithathileyo.
 - (ii) Kumanqanaba esiqu kulapho angathi umlingwa achaze imeko okanye iinkalo ezichatshazelweyo kwisihloko, negalelo lazo kubomi bomntu oseze ngobuso ezweni apha eMzantsi Afrika.
 - (iii) Masithi siphela isincoko abe umlingwa esizobele ngokucacileyo ubomi bakhe nemiba yophuhliso loluntu engamenza athethe la mazwi akwisihloko.

[50]

OKANYE

1.3 Ukuyeka phakathi kwabafundi esikolweni bengaggibanga kuye kubheka phambili. Kumalungelo angaka abawanikiwego, ucinga ukuba kubangelwa yintoni oku kuphuma phakathi? Sithini isisombululo?

- Isincoko **esiqqisisayo sinokuchaza**, sibonise nocamngco.
 - Sibhalwa kwixesha langoku.
- (i) Umlingwa unokuvvelisa oonobangela besi senzo sokuphuma phakathi neziphumo zawo.
 - (ii) Unokunika iziganeko ezibangela ukuphuma phakathi esikolweni, indlela ezichaphazela ngayo abafundi nekamva kunye nabazali.
 - (iii) Makeze namacebo okanye amanyathelo anokuthatyathwa ukuthibaza lo mbulalazwe.

[50]

OKANYE

1.4 Bhala isincoko apha ubonisa ukulunga nokungalungi kwento yokuba abazali bamkhethelle ikamva umntwana.

- Kwesi sincoko umlingwa **uveza ingqiqo** ngesi sihloko asinikiwego. Ekwenzeni njalo angachaza imiba ethile okanye **abalise** iziganeko ezipuhlisa kwale miba.
- (i) Umlingwa **uveza amacala amabini engxoxo** ebonisa ukulunga nokungalungi kwento yokuba abazali bamkhethelle ikamva umntwana.
 - (ii) **Ukulunga:** Abazali banamava ngobomi, ngabo asele bekhe bazinyuka iinkalo zobomi, ke ngoko banakho ukumnceda umntwana ekukhetheni ikamva. Ikwangabo abakhulisa umntwana, ngako oko bayamazi izinto akhule enomdla kuzo.
 - (iii) **Ukungalungi:** Ixesha liza neenguqulelo kwindela obuphilwa ngayo ubomi, yaye ulutsha luhamba namaxesha. Abazali bayashiye ka ngenxa yobudala zezi nguqulelo, ze banyanjele umntwana ukuba akhethe ikamva elingasenamathuba acela umnjeni kulutsha lwelo xesha.
 - (iv) Umlingwa makabonise ukuvuthwa kwingxoxo yakhe, awavelele omabimi amacala ebonisa ulwazi oluphangaleleyo.

[50]

OKANYE

- 1.5 Ingxubevange yeelwimi ekusasazwa ngazo kumabonakude nakoonomathotholo iyawubulala umdra wokuthetha nokufunda isiXhosa kubafundi banamhla. Ingaba uyavumelana nolu luvo?
- Kwesi sincoko kubekwa ulovo aze umlingwa **aluxoxele**.
 - Kwingxoxo yakhe angabhala ngeenjongo zokuxhasa iimbono zakhe. **Unokuchaza** imeko ethile kwangeenjongo zokuphuhlisa izimvo zakhe.
- (i) Kwinqanaba lentshayebole umlingwa angabeka iimbono zakhe ngengxaki yokungathobelani kweentlanga.
 - (ii) Kwisiqu uthatha ulovo ngalunye aluxoxele, ebonisa **inkxaso** okanye **inkcaso** yakhe.
 - (iii) Ekuphethweni kwesincoko umlingwa makanike izimvo zakhe ezinokuba sisisombululo kwingxaki abeyioxela ebuden'i besincoko.
- [50]

OKANYE

- 1.6 Xa ndinokuba yimvumi ephume izandla!
- Isincoko esicamngcayo sinokuchaza, umlingwa abalise iziganeko ezixhasayo.
- (i) Kumanqaku okutshayebole umlingwa angabeka uxanduva olubelekeke emagxeni alowo unqwenela ukuba yimvumi.
 - (ii) Unokutyhila amaphupha akhe ngesi sakhono.
 - (iii) Kwimihlathi yesiqu kulindeleke ukuba abeke amanyathelo aza kuwathabatha ukuphuhlisa esi sakhono.
 - (iv) Lingongoma azibekayo umlingwa zinokunyathela kwezi nkalo: imfundo, amathuba emisebenzi, isimo sokuziphatha.
 - (v) Kumanqaku esiphelo, umlingwa unokunika owona mfanekiso anawo ngemvumi ephume izandla.
- [50]

OKANYE

- 1.7 Abalingwa bangawubona umfanekiso ngeendlela ezahlukileyo.
- Umlingwa makaqiniseke okokuba akubhalayo kuyangqinelana nomfanekiso.
 - Makaqiniseke okokuba isincoko singomfanekiso okanye akubhalayo kunxulumene nawo.
 - Umvavanyi makaqiniseke naye ukuba isihloko esinikwe ngumlingwa sihamba nomfanekiso.

OKANYE

- 1.8 Esi sincoko sinokubalisa, sinokuchaza sibonise ucamngco. Ngokujonga lo mfanekiso, umlingwa anganeenkumbulo, angachulumanca kanti anganeminqweno. Umlingwa unokuchaza imizekelo exhasayo. Makunikwe isihloko esihambelana nemifanekiso.
- [50]

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**UMBUZO 2**

Umlingwa ukhetha umhlathana omde ube **mNYE** kule ayinikiwego. Ubude mabube ngamagama ali-100 ukuya kwali-120.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

- (i) Ileta mayibhekiswe kummelwane womlingwa.
- (ii) Makuqatshelwe le miba kwimo yeleta:

- Idilesi yombhali
- Umhla
- Isibuliso
- Isiphele esifanelekileyo
- Igama kuphela

(iii) Isiqu sakhiwa sibe yimihlathi.

(iv) Ulwimi, isimbo, ithoni, nerejista, mazifanele ileta yobuhlobo.

[30]

OKANYE**2.2 INTETHO**

- (i) Imo yentetho inamazwi okutshayelela aphi isithethi sazisa abaphulaphuli ngesiganeko esi, ixesha kwanendawo ebesenzeke kuyo.
- (ii) Umlingwa unokuzidwelisa kwisiqu iingongoma phantsi kwesihlokwana ngasinye.
- (iii) Mazahlulwe izihlokwana ekuthethelwa phantsi kwazo ngokushiya umgca phakathi.
- (iv) Ixesha elinokusetyenziswa lelangoku, ukanti ebelidlule linokumana lisetyenziswa njengoko isiganeko esi kuthethwa ngaso sinethutyana senzekile.
- (v) Injongo mayibe kukushiya abaphulaphuli bonelisekile. Oku kwensiwa ngokusebenzisa ulwimi olukhethelwe le ntetho, ithoni nerejista ekhethelwe abantu ekujoliswe kubo.

[30]

OKANYE

2.3 UDLIWANO-NDLEBE

- Umxholo wolu dliwano-ndlebe mawuzalane nomfanekiso osekwe kuwo.
 - (i) Kwinqaku lentshayelelo makwaziswe ngabathathi-nxaxheba kudliwano-ndlebe, indawo nexesha lokwenzeka kwalo.
 - (ii) Imihlathi yesiqu mayahlulwe ngokushiya umgca, ukutsho oko, iba ngumbuzo wentatheli nempendulo yabatshati, kushiywe umgca, njalo njalo.
 - (iii) Imibuzo mayingabi ngezinto eziyaliswe ekuphandeni ngezinto eziyimfihlo nezinobuzaza kubuntu bomtshati.
 - (iv) Ithoni, nerejista mazifanelane nomoya womtshato, le kaloku yimini yovuyo nemincili, nokuqala ubomi obutsha.
 - (v) Inqanaba lesiphelo malinike izimvo zentatheli ezisekwe kushwankathelo lweependulo zabatshati.

OKANYE

2.4 IRIVYU

- Umlingwa apha ubhala ezikhumbuza ngendlela enika umdla, ejonge ukwabelana nathi ngomdlalo abe wubukele kumabona-kude okanye awumamele kunomathotholo.
 - (i) Makunikwe iinkcukacha ngabalinganiswa, ngakumbi ngeqhawe/ngamaqhawe omdlalo.
 - (ii) Makunikwe amaggabantshintshi ngebali.
 - (iii) Iinkcukacha ngendawo onokufumaneka kuyo umdlalo nexabiso lamatikiti okungena xa ubusethiyetha, ixesha nejelo osasazwa kulo xa ubumanyelwe kunomathotholo.
 - (iv) Umfundu makanike uluvo lwakhe ngesimbo sokulinganisa. [30]

AMANQAKU ECANDELO B: **30**

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

Umlingwa ukhetha umhlathana omfutshane ube **mNYE** kule ayinikiwyo:

QAPHELA: Akukho manqaku anikwayo ngemizobo.

3.1 IMIYALELO

- Makubekho inqaku lentshayelelo, elandlalela imiyalelo eza kunikwa apho kuthiwa gqaba-gqaba ngenjongo yolu suku nesizathu sokuba kubekho imiyalelo.
 - (i) Mayicwangcwiswe imiyalelo inamathele emxholweni.
 - (ii) Mazibekwe iingongoma ngokokubaluleka kwazo.
 - (iii) Makushiywe umgca phakathi kwemiyalelo.
 - (iv) Malibekho inqaku lesiphelo.
 - (v) Ulwimi, ithoni nerejista mazilungele abantu ekujoliswe kubo.

[20]

OKANYE

3.2 IKHADI LESIMEMO

- Uyilo lubalulekile kwikhadi lesimemo apho umlingwa abonisa isakhono sokuzoba.
- Kunokusetyenziswa iisayizi zefonti ezishiyanayo ngokokubaluleka kwimixhelo, nokwenza ukuba libe nomtsalane.
- Imifanekiso enokufakwa mayihambelane neli theko bamenyelwe kulo abantu.
- Mawubhalwe umhla, indawo kunye nexesha lokuqala kwetheko.
- Ilinombolo zemfonomfono abanokuthi abantu bazisebenzise xa bephendula okanye xa benemibandela abafuna ukuyiqonda mazibhalwe.
- Isimemo masicoceke, sicace, sifundeke.
- Ulwimi (irejista) malufanele abantu ekujoliswe kubo.
- Iimpawu zokubhala(igrama, upelo, iziphumlisi, ulwahlulo-magama) mazichaneke.

[20]

OKANYE

3.3 ISIBHENGEO

Kwesi sibhengezo, masibhalwe isihloko –ibinzana elidlwengula umxhelo/elitsala umdla wabafundi.

- Makusetyenziswe iisayizi zefonti ezahlukeneyo ukubonakalisa iingongoma ekugxininiwa kuzo.
- Makucace ukuba isibhengezo sijoliswe koobani, luze nolwimi olusetyenziswayo luhambelane nabantu ekujoliswe kubo.
- Makuboniswe ubugcisa boyilo.
- Makusetyenziswe izenzi nezichazi ezinomtsalane xa kunikwa iinkcukacha ngale njana ilahlekileyo.
- Umbhali makanike iinkcukacha ngaye, idilesi neenombolo zomnxeba anokufumaneka kuzo.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20

EWONKE AMANQAKU: 100

ICANDELO A: ISINCOKO

Iziqulatho	Khowudi 7 Balaseleyo	Khowudi 6 Mfaneleko	Khowudi 5 Enomthamo	Khowudi 4 Anele	Khowudi 3 Phakathi	Khowudi 2 Buthathaka	Khowudi 1 Bubhetyebhetye
	80% - 100%	70%- 79%	60% - 69%	50%-59%	40% - 49%	30% - 39%	00% - 29%
1.Ubungqina boyilo	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esingenamakhwiniba nesigqibeleyo.	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esinobugcisa obuhle nobuqaqbileyo	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esinomfaneleko nesilunge kakhulu.	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esikwizinga eliphakathi nesinamateleneyo.	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esingabekelwan ga kakuhle.	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esibekelwelwe ngokutxnileyo.	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esibekelwelwe ngokutxnileyo.
6	6	5	4	3	2	1	0-1
2.Ulwimi nesimbo, upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo magama oluhambelana netekisi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamatelwano Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo magama lumphakathi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo magama luyahexa.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu.
14	10	8 – 9	7	5 – 6	4	3	1- 2
3. Umxholo	Isincoko sibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango: zivuthive, zikhokonxa iingcinga.	Isincoko sibonakalisa utolikeko oluchanekileyo Iwesihloko. lingcamango: zihlakaniphile, zinomdla.	Isincoko sibonakalisa utolikeko oluvakalayo Iwesihloko. lingcamango: zinomdla, zeziqinisekisayo.	Isincoko sibonakalisa utolikeko olwanelisayo Iwesihloko. lingcamango: ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu.	Isiqulatho: siqhelekile, sinezikhewu kunamatelwano. lingcamango: Uninzi Iwazo lunxulumene.	Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamatelwano. lingcamango: zinqongophele, soloko kuphindaphindwa.	Isincoko asikho mxholweni. Akukho namatelwano. lingcamango: uphindaphindwo nokunwenwela kude kwisihloko.
14	14	11-13	9-10	7-8	5-6	3-4	0-2
4. Isakhiwo	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamateleneyo	Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahlukahlukene	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwindawana ezithile kodwa	Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleva.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyubhutyu azingqinelani.

				isincoko sona sinembadla.			
10	14	11-13	9-10	7-8	5-6	3-4	0-2
5. Ukuhlela	Itekisi ayinazimposiso konke konke kuba kwensiwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi iseneemposiso noxa kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi ineziphoso ezininzi kuba kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi idlakadlaka ziimposiso nangona kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo kunye nohlelo.
6	6	5	4	3	2	1	0-1

QUESTIONS		COGNITIVE LEVELS					PF3		PF4		AMANQA-KU EWONKE	
		Liter al	Inference	Reorga nisatio n	Evaluatio n	Apprecia tion	lindidi zezincoko	GH2	GH3	GH1	GH2	
1	1.1				[50]		Esibalisayo	2.1 2.2 2.6	3.3 3.4 3.5 3.6	1.1	2.5 2.7 2.9 2.10 2.11	
	1.2	[50]					Esivez'inqiqo	2.1 2.2 2.6	3.3 3.4 3.5 3.6	1.1	2.5 2.7 2.9 2.10 2.11	
	1.3		[50]				Esixoxayo	2.1 2.2 2.6	3.3 3.4 3.5 3.6	1.1	2.5 2.7 2.9 2.10 2.11	
	1.4				[50]		Esiqiqisisayo	2.1 2.2 2.6	3.3 3.4 3.5 3.6	1.1	2.5 2.7 2.9 2.10 2.11	

	1.5			[50]			Esicamngcayo	2.1 2.2 2.6	3.3 3.4 3.5 3.6		1.1	2.5 2.7 2.9 2.10 2.11		
	1.6		[50]				Esichazayo	2.1 2.2 2.6	3.3 3.4 3.5 3.6				[50]	

ICANDELO A

Amanqaku anokusetyenziswa xa kukorekishwa izincoko

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
Ubungqina boyilo	6	Ubungqi. =
Ulwimi-nesimbo	14	Lwi & Sim. =
Umongo	14	Mong. =
Isakhiwo	10	Sakh=
Ukuhlela	6	Hlel. =
Amanqaku ewonke	50	

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA: ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

ISIQULATHO	Khowudi 7 Balaseleyo	Khowudi 6 Mfaneleko	Khowudi 5 Enomthamo	Khowudi 4 Anele	Khowudi 3 Phakathi	Khowudi 2 Buthathaka	Khowudi 1 Bubhetyebhetye
	80% - 100%	70%- 79%	60% - 69%	50%-59%	40% - 49%	30% - 39%	00% - 29%
1. Ubungqina boyilo	Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi engenazimpazamo kwaye lukwavelise itekisi engenazimpazamo kwaphela.	Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi engenazimpazamo kwaye lukwavelise itekisi engenazimpazamo kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo	Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi eyakhiwe ngokuncomekbb.	Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi eyanelisayo.	Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi ephakathi kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo.	Uyilo okanye ucebo alwanelisi kwaphela. Itekisi ayibekelwelwanga kakuhle.	Uyilo okanye ucebo alukho itekisi ibekelwelwe ngokutnxileyo.
3	3	3	2	2	1	1	0-1
2 Ulwimi nesimbo, upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi	Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo magama oluhambelana netekisi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zeshloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo magama oluhambelana netekisi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamatelwano Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo. Uchongo magama luhakathi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo. Uchongo magama luyahexa.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhety e kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo Iwamagama luhexa kakhulu.
7	7	6	5	4	3	2	1
3. Umxholo	Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango: zivuthiwe, zikhokonxa iingcinga.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluchanekileyo Iwesihloko. lingcamango: zihlakaniphile, zinomdla.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluvakalayo Iwesihloko. lingcamango: zinomdla, zeziqinisekisayo.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko olwanelisayo Iwesihloko. lingcamango: ziqhelekile, ziyafilela ngobunzulu.	Isiqulatho: siqhelekile, sinezikhewu kunamatelwano. lingcamango: Uninzi lwazo lunxulumene.	Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamatelwano. lingcamango: zinqongophele, soloko kuphindaphindwa.	Imihlathi ayikho mxholweni. Akukho namatelwano. lingcamango: uphindaphindwo nokunwenwela kude kwisihloko.
10	10	8-9	7	5-6	4	3	1-2

4. Isakhiwo	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamathelen eyo	Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahlukahlukene	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwindawana ezithile kodwa isincoko sona sinembadla.	Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleka.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyubhutyu azingqinelani.
7	7	6	5	4	3	2	1
5. Ukuhlela	Itekisi ayinazimposiso konke konke kuba kwensiwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi iseneemposiso noxa kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi ineziphoso ezininzi kuba kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi idlakadlaka ziimposiso nangona kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo kunye nohlelo.
3	3	3	2	2	1	1	0

QUESTIONS	COGNITIVE LEVELS								PF3	PF4	AMANQA-KU EWONKE	
	Literal	Inference	Reorganisat ion	Evaluati on	Appreciat ion	Imihlatha-na emide						
2 2.1			[30]			Ileta Yoburhulu -mente	GH2	GH3		GH 1	GH 2	
							2.2	3.3		1.1	2.10 2.11	

	2.2	[30]				Imemora-ndamu		2.2 2.3 2.4 2.5 2.6 -	3.3 3.5 3.7 3.8- 	-	1.1	2.10 2.11		
	2.3				[30]	Ingxoxo		2.2 2.3 2.4 2.5 2.6	3.3. 3.5 3.6 3.7 3.8		1.1	2.10 2.11		
	2.4		[30]			I-obitshu-wari		2.2 2.3 2.4 2.5 2.6	3.3 3.5 3.7 3.8		1.1	2.5 2.7 2.9 2.10 2.11		
	Total													[30]

ICANDELO B

Amanqaku anokusetyenziswa xa kukorekishwa imihlathana emide

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
Ubungqina boyilo	3	Ubungqi. =
Ulwimi nesimbo	7	Sakh. =
Umxholo	10	Mong. =
Isakhiwo	7	Lwi.& Sim =
Ukuhlela	3	Hlel. =
AMANQAKU EWONKE	30	

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA; ICANDELO C ; IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

ISIQULATHO	Khowudi 7 Balaseleyo	Khowudi 6 Mfaneleko	Khowudi 5 Enomthamo	Khowudi 4 Anele	Khowudi 3 Phakathi	Khowudi 2 Buthathaka	Khowudi 1 Bubhetyebhetye
	80% - 100%	70%- 79%	60% - 69%	50%-59%	40% - 49%	30% - 39%	00% - 29%
1. UBUNGQINA BOYILO	Ubungqina bukuceba uyilo luelrise itekisi engenazimpazamo kwaye lukwavelise itekisi engenazimpazamo kwaphela.	Ubungqina bukuceba uyilo luelrise itekisi engenazimpazamo kwaye lukwavelise itekisi engenazimpazamo kwaye bukawavelise itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo	Ubungqina bukuceba uyilo luelrise itekisi eyakhiwe ngokuncomekayo.	Ubungqina bukuceba uyilo luelrise itekisi eyanelisayo.	Ubungqina bukuceba uyilo luelrise itekisi ephakathi kwaye bukwaveklise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo.	Uyilo okanye ucebo alwanelisi kwaphela. Itekisi ayibekelwelwa kakuhle.	Uyilo okanye ucebo alukho, itekisi ibekelwelwe ngokutnxileyo.
2	2	2	1	1	1	1	0-1
2 Ulwimi nesimbo, upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi	Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nangokufuzezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enku lu nangokufanelekileyo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo magama oluhambelana netekisi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo Iwamagama Iwanele	Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamatelwano Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswe ngokungachanekang a. Uchongo magama luphakathi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo. Uchongo magama Iuyahexa.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo Iwamagama Iuhexa kakhulu.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo Iwamagama Iuhexa kakhulu.
5	5	5	4		3	2	1
3. Umxholo	Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango: zivuthiwe, zikhokonxa iingcinga.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluchanekileyo Iwesihloko. lingcamango: zihlakaniphile, zinomdla.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluvakalayo Iwesihloko. lingcamango: zinomdla, zeziqinisekisayo.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko olwanelisayo Iwesihloko. lingcamango: ziqhelekile, ziayisilela ngobunzulu.	Isiqulatho: siqhelekile, sinezikhewu kunamatelwano. lingcamango: Uninzi lwazo lunxulumene.	Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamatelwano. lingcamango: zinqongophele, soloko kuphindaphindwa.	Imihlathi ayikho mxholweni. Akukho namatelwano. lingcamango: uphindaphindwo nokunwenwela kude kwisihloko.
7	7	6	5	4	3	2	1

4. Isakhiwo	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamathelene yo	Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahlukahlukene	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwindawana ezithile kodwa isincoko sona sinembadla.	Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleka.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyubhutyu azingqinelani.
4	4	4	3	3	2	2	1
5. Ukuhlela	Itekisi ayinazimposiso konke konke kuba kwensiwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi iseneemposiso noxa kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi ineziphoso ezinanzi kuba kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi idlakadlaka ziimposiso nangona kwensiwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo kunye nohlelo.
2	2	2	2	1	1	1	0

ICANDELO C

Amanqaku anokusetyenziswa xa kukorekishwa imihlathana emifutshane

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
Ubungqina boyilo	2	Ubungqi. =
Ulwimi nesimbo	5	Sakh. =
Umxholo	7	Mong. =
Isakhiwo	4	Lwi.& Sim =
Ukuhlela	2	Hlel. =
AMANQAKU EWONKE	20	